

Hlala ukhuselekile kwintsholongwane iCorona Ligcine ikhitshi lakho licocekile

- ICOVID-19 isasazeka ikakhulu xa siphefumle amachaphaza amancinci amathe ataka xa umntu oneCOVID-19 ephefumla, ekhohlela, ethimla, ethetha naxa eshawutisa.
- La machaphaza ayahlala kwimiphezulu nakwizinto ezikhoyo. Ngamanye amaxesha singayifumana iCOVID-19 xa siphatha loo miphezulu size siphathe amehlo, impumlo okanye imilomo yethu.
- Ukucoca nokubulala iintsholongwane kuya kunceda ekunciphiseni ukunwenwa kweCOVID-19 nezinye izigulo ezifana ne-gastroenteritis

Faka isibulali ntsholongwane kwimiphezulu yezinto

- Sebenzisa umxube weblitshi ukubulala iintsholongwane (amatuspuni amathandathu –[6] kwilitha enye –[1] yamanzi).



6x itispuni



- Coca ufake isibulali ntsholongwane rhoqo kwizinto ezifikelelwa zizandla nakwimiphezulu yezinto (imiphezulu yeekhawuntala, iitephu, izibambo zamacango, amaqhosha esitovu, izitulo) rhoqo.

Yisule igrosari

Yisule igrosari ekwizingxobo eziyiplastiki, eziyiglasini nezizitoti ngamanzi ashushu okanye ngomxube weblitshi njengesilumkiso esongezelelweyo, uziyeke zizomele ngokwazo ngaphambi kokuba uzipakishe ezikhabhathini.



Zicoce uzifake isibulali ntsholongwane izinto zokusebenza neendawo osebenzela kuzo

- Yicoce yaye ufake isibulali ntsholongwane kwindawo yokusebenzela nakwizinto osebenza ngazo ngaphambi kokuba uqalise ukusebenza, nangaliphi na ixesha uqhubeka nokusebenza nasemva kokuba ugqibe umsebenzi ngamnye.
- Mawuhlale ukhona umxube weblitshi okanye isitshizi sesanithayiza kwindawo yakho yokusebenzela ukuze kube lula ukuyisebenzisa.



Gcina imigqomo icocekile ikhuselekile

- Yiba nemigqomo eyahlukeneyo yokufaka izinto/inkunkuma nezinye izinto ezilahlwayo,
- Qiniseka ukuba iziciko zemigqomo zivaleka kakuhle.
- Yiba nabantu abaza kumana belahla inkunkuma becoca imigqomo. “Zoleke zibe mbini iiplastikhi” zenkunkuma uhlambe izandla emva kokulahla inkunkuma.



neWestern Cape COVID-19 Hotline 080 928 4102 (tollfree)

HLALA UKHUSELEKILE

YIYA
PHAMBILI



URhulumente
weNtshona Koloni